**SOMA SPEECH 2016 delivered by Hon Cllr Mayor J.P Mdingi**

Somlomo obekekileyo

Inkokheli ze ANC, ezombimbi neminye imibutho yezopolitiko

Obekekileyo umntwana wegazi ukumkani wamaMpondo

Amalungu ezakhiwo zorhulumento kundlunkulu nakwiphondo

Obekekileyo usodolophu wengingqi I OR Tambo nowise Alfred Nzo

Oosodolophu, osomlomo bomasipala abasingqongileyo,

Usotswebhu nabo bonke osotswebhu bomasipala abasingqongileyo

Amalungu esigqeba sebhunga esilawulayo, isigqeba esilawulayo sengingqi nabomasipala abasingqongileyo

Amakhansela omasipala waseNtabéNgquza

Inkokheli zonke zomthonyama

Amagora edabi laseNgquza

Iikomiti Zewadi

Families of Ingquza Hill Fallen Matyrs, Heroes and Heroines of

Izizalwane zamaqhawe namaqhawekazi edabi laseNgquza

amalungu esigqeba soshishino norhwebo aseNtab'eNgquza

Inkokheli zentlanganisela yamabandlandla

Iinkokheli zemibutho yabasebenzi (SAMWU ne IMATU)

Imibutho yolutsha nomama

Abahlali ngobubanzi

Umanejala nemanejala zonke zamanqanaba ohlukeneyo orhulumento

Izakhiwo zonke zikarhulumente

Abasebenzi bonke bomasipala waseNtabéNgquza abasibeke kulendawo yempumelelo

Maqabane namathandazwe

Manene nani manenekazi

*Sidlulisa imibuliso egameni lebhunga likamasipala waseNtab'eNgquza*

Somlomo obekekileyo ndithi mandinikhumbuze ukuba lo ngunyakamali wethu wokugqibela elulalwulweni yaye zinyanga zethu zokugqibela kulawulo lwethu esaluthatha ngomnyaka wamawaka amabini aneshumi elinanye (2011). Kubalulekile ukukhumbuzana ngezinto esithe sazenza nokubuza umbuzo owakhe wabuzwa yinkokheli kwanenkcubabuchopho yaseRussia ULenin othi "kufuneka kwenziwe ntoni"?

Sihlangana apha kwintsukwana nje emva kosuku lwabasebenzi kwihlabathi lonke, kwintsukwana nje phambi kosuku lokubhiyozela usuku lwama Afrika. Olusuku lubaluleke kakhulu nanjengoko lusivuselela ngomzabalzo wokumanya izwe lethu iAfrika singananzanga mida nakohlukana ngokwezezimali, inkcubeko, amasiko nezithethe.

Somlo obekekileyo ndithi mandiyibeke elubala into ethi ibengumgama omde ukusuka ngo 2011 ukuza ku2016. Nangona zibezikhona iingxakana ebezikhona kodwa siye salukhulela uxanduva sazofika ekupheleni kohambo lwethu sisesonke simanyene.

Sihlangana emva kweminyaka engamashumi amahlanu anesithandathu emva kwedabi laseNtab'eNgquza elihlonitshwayo nelaziwa ngokuba luvukelo mbuso lwamaMpondo. Siphakamisa iibhanile zethu ukuhlonipha lawo maqhawe athi akhomba indlela ukulwisana nengcinezelo eyanyanzelwa ngokuzisa ukulawulwa nokwehluthwa kwemihlaba yabantu bakuthi.

*mathandazwe ezwe lakowethu*

Sikwahlangana emva kwamashumi amane eminyaka emva komzabalazo wabafundi womnyaka wewaka namakhulu aluthoba namashumi asixhenxe anesithandathu owazisa inguqu kumzabalazo wabantu kwilizwe lomzantsi we Afrika. Ukuzinikezela nokuchubeka kwabo kwenza ukuba bakunqande ukutshabalalisa izinto esele zikho.

Ihlabathi likwimo embi ngokwezoqoqosho yaye nathi singuMzantsi we Afrika asimsulwanga kwesosifo kuba siyinxalenye yelihlabathi. Njengamazwe akwisigaba sesithathu ngokwezoqoqosho sizifumana sisengxakini yokuba amazwe atyebileyo axhaphaze ubutyebi bethu ngokuba anyusele inzala yemali mboleko

Kwintetho yohlalhlo lwabiwo mali kamphathiswa kazwelonke wezezimali kudandalazisiwe ukuba uhlahlo lwabiwo mali luykushokoxeka ngee ngesibiniesinesine ekhulwini ukuya kufika kunyakamali wonyaka wamawaka amabini aneshumi elinesithob (2019) elushokoxeko olukhulu kodwa isisicwangwiso sokuphucula uqoqosho lwangomso

**Somlomo obekekileyo**

Imigomo yebhunga ukusukela ngo 2011- 2016

Xa sasingena elulawulweni ngomnyaka wamawaka amabini aneshumi elinanye savumelana ngalemigomo elandelayo

- Uphuhliso lwabantu oluquka imigaqo,umbane, amanzi nogutyulo lindle
- Ukhenketho
- Utshintsho lobuso bedolophu zethu
- Uphuhliso lolimo namhlathi

Isicwangcwiso nkqubo sophuhliso nohlahlo lwabiwo mali, isicwangcwiso nkubo sphuhliso esihlangeneyo kwanohlahlo lwabiwo mali zakhiwe ngokubhekiselele kulemigomo yaye siyazingca ngempumelelo esiyifumeneyo kuleminyaka imihlanu siselulawulweni.

**Makhansela ebhunga lolawulo**

Ndivumeleni ndenze amabala engwe ngobume babantu balengingqi yethu. Ezinkcukacha zibaluleke ngoba zitshintshe indlela esicinga ngayo, esenza izinto ngayo nendlela esithi siphendule ngayo kwimiceli mingeni.

Kulomasipala wethu sinabantu abanagamakhulu amabini anamashumi asixhenxe nesibhozo amawaka nemakhulu amane anamashumi asibhozo nanye (278 481). Abangamakhulu amabini anaye amawaka namakhulu amahlanu anamashumi amathathu anethoba ngabantu abatsha (201 539), amakhulu asixhenxe anesithandathu awamaka namakhulu aluthoba namashumi amathandathu ngabantu abadala (76 942). Ikhulu namashumi amane anethoba amawaka namkhulu amahlanu anesixhenxe ngabantu abangomama ize ikhulu namashumi amabini anesibhozo amawaka namakhulu aluthoba namashumi asixhenxe nesine ibengamadoda

Ilizwe lethu libekene nemicelimingeni emthathu, Ukungalingani, intswelo misebenzi nendlala. Xa sijonga lomfanekiso ungasentla sibona ukuba abantu abanizi ngabantu abatsha abasaxhomekekileyo yilonto uxinzelelo lwendlala nentswelo misebenzi ziqatsele.

Ukuhlangabezana nalemeko yentswelo misebenzi, urhulumente wethu uze namalinge emisebenzi yoluntu

Luntu lwakowethu masabelane nani ngempumelelo nako konke okuthe kwabaluleka okwenza sithi le ndawo yethu yindawo ebalulekileyo negqamileyo abantu abangathi bahlale batyale imali kuyo.

**1.Uphuhliso**

Uphuhliso ngundoqo wesisekelo nobukho bosigaba sorulumente sasemakhaya ejonge ukuphuhlisa abantu ebebekade becinezelekile iminyaka engaphaya kwamakhulu amathathu.

**Uphuculo lwezakhiwo**

**imigwaqo**

Kuleminyaka siselulawulweni sathabatha isigqibo kwintlanganiso yocwngcwiso nkqubo ukuba sizokwakha imigaqo emitsha ekumgama ongamakhulu amabini(200) ize sivuselele ngokutsha imigaqo ekumakhulu amathathu (300)

Kunyaka mali ka 2011/12 ukuya ku 2014/15 sakhe imigwaqo ezikhilomitha engamakhulu amabini anamashumi amathandathu anesithandathu (266 km). yinkqubela engazange yalanywa le kuba siyodlule ngamalengisi imigomo yethu.

Sikwazile ukuvuselela imigwaqo ebisele yonakele kanganekhilomitha ezingamakhulu amathathu anamashumi asibhozo. Oku kubonakalisa ukuba ilali zethu ziyaxhumana ngokulula needolophu yaye kuphucuke nonxibelelwano.

Kunyakamali ka2015/16 kusuku esasisenza ubume bukamasipala sathi siyakwakha imigwaqo emitsha elishumi elinanye ekumnyinge wamashumi amathandathu ananye ekhilomitha. Lemigwaqo iyakhiwa ngoku sithethayo kweziwadi zilandelayo 2,11,15,17, 19,21,22,23,25,28 &31. Sithetha nje umgwaqo waseMhlanga uyagqityezelwa ukwakhiwa.

**Ulwakhiwo lwe ofisi zikamasipala**

Siyaqhubeleka nolwakhiwo lweofisi zikamasipala kwidolophu yaseFlagstaff oluxabisa izizgidi ezingamashumi amahlanu anesithathu (50,3 million). Olu lwakhiwa luyakugqitywa ngomnyaka ka 2017 kodwa sele sigqibile ukwkha indlu yabasebenzi bezokhuselo.

**Iziko lovavanyo loluqhuba nokuhlolwa kwemoto**

Ulwakhiwo lweliziko luyaqhuba yaye luzakuphela luzakugqutywa ngenyanga yethoba (September) sikwaqinisekisa ukuba sakube sisivula ngenyanga ka yeshumi ku 2016.

Kwesisakhiwo sityale imali ezizigidi ezingamashumi amabini ananye. Izigidi ezibini zokugqibezela sakuzikhupha ngomnyakamali ozayo 2016/17.

**Ufakelo mbane**

Siyazingca ngokuqhubekleka nomsebenzi omhle ngoba kunamhlanje nje sele sifakele umbane kwimizi engamamawaka asibhozo anamakhulu aluthoba neshumi elinesine lwemizi. Ngobambiswano no Eskom sakhe amaziko ophehlo mbane amathathu kwezindawo Thafabanzi, Hombe naseThaweni. Lamaziko ancedise ekufakelweni kombane kweziwadi 1,2,3,20,22,23,24,25,26,27,28 &29.

Ngonyakamali ka 2015/16 sqhubeleka nofakelo mbane kweziwadi 13,14,17,23,30 ngemali ezizigidi ezilishumi elinesibhozo. Sikwafakela izibane ezide ezilishumi kwa wadi 6,15 & 19 ukuzama ukulwisana nobundlobongela

**Amaholo oluntu**

Siyazingca ngokuba sikwazile ukwakha amaholo oluntu kuzo zonke iwadi zalomasipala. Sithetha nje siqhubeleka neziniki maxabiso zokuthenga izitulo kulawo maholo angekabinazo. Kwiwadi engu 28 ikhontilaki igqibezela oko kwashiyekayo yaye sele iogqibezela.

Uphuhliso lwezakhiwo zonyakamali 2016/2017

Sithathe isinqumo sokwakha imigwaqo emitsha esibhozo kunyakamali ka 2016/17 ngesixamali esizigidi ezingamashumi amathathu ananye amakhulu amahlanu anesthandathu amawaka namkhulu asixhenxe anamashumi amathandathu erandi namashumi asibhozo anane esenti ( 31,560,766.84) kweziwadi 4,5,7,9,10,13,29 &30

Kwakulonyakamali ka 2016/17 sizokwakha amaholo akudidi ngezigidi ezilishumi nesihlanu nesiqingatha ( 15,6 million)

Ngokubambisana no INEP sizofakela umbane kwiwadi ezilandelayo 28- Sidakeni imizi eyi 65, wadi 15 Mdikane imizi eyi 95,wadi 17 Kanana imizi eyi 100. Olufakelo mbani luzositya imali esisigidi esinye esinamkhulu amathandathu anamashumi amabini anesihlanu amawaka ( 1,625 000. 00)

Sizofakela izibane ezilishumi ezide kwidolophu yaseFlagstaff naseLusikisiki ezixabisa izigidi ezine ngenxaso yesibonelelo (MIG)

2. ukukhuliswa nokutshintshwa kukaMasipala

Sikwazile ukwenza uqeqesho lokuphuhlisa amakhansela, iikomiti zewadi nabasebenzi ngokulandela imigomo yophuhliso zakhono, izibonelelo zemali ezisuka kumaqumru ezibonelelo kwakunye nenxaso yomaspala wengingqi I OR tambo nakwiqumru elilawula omaspala (SALGA)

Konke oku kuzele amaduna namathokazi athe enza ukuba kukhule ubunkokheli, izakhono zokuphatha nokukhula kokuzimisela emsebenzini kumakhansela nakubasebenzi.

Sthe saqinisekisa ukukhula nokuqina kwezakhiwo zikamasipala ngokuba sithe salandela imigomo yesicwangcwiso nkqubo esimanyeneyo. Zonke izithuba zengqesho zinengcaciso zomsebenzi nohlalutyo lwalomisebenzi ngokwenziwa yikomiti kamasipala yohlaziyo misebenzi wenggingqi I OR Tambo.

Siyaqhubeleka nokwenza ubudlelwane kwezabasebenzi ngokusebenzisa amaqonga ezabasebenzi adibanisa abasebenzi neemanyano zabasebenzi.

Sithe savekisa isicwangcwiso sokuphucula umgangatho wokusebenza ukuzama ukukhuthaza ukusebenza kwezakhiwo nokuncedisa  ibhunga ukuhlolwa komsebenzi.

Siyazidla ngolawulo oluluqilimba ngenxa yesakhono sokukhetha abasebenzi abawulungeleyo umsebenzi, amaphulo okunceda abasebenzi athe aphucula, aphuhlisa yaye akhuthaza abasebenzi.

Lo masipala uyaqhubeleka nomsebenzi wokuveza uphinde uhlalutye imithetho ukuzama ukuqinisa izakhiwo zangaphakathi ngokugunyaziswa ngumphicothi zincwadi zemali jikelele.

Abasebenzi bathi bancediswe lisetyana lempilo nemithambo ukuzama ukuba kubekho iziphumo neziqhamo ezizizo. Abasebenzi bathi basiwe kumaziko ovuselelo zimo nawamcebiso ngobomi nezimali ukuze kukhule ithemba nokuzimisela.

Ngenxa yalamaphulo abasebenzi bathi bafumane amacebiso kwezokuphataha imali, impilo engcono, ukutya nezifo ezinganyangekiyo.

Sikwazile ukuphucula indlela yokunxulumanisa abantu norhulemente ngokuba siqaphele iPresidential Hot line.

Sinamaphulo okuncedisa abafundi abanemfundo ephakamileyo ngokuba sibafake kumaziko emisebenzi ukuze bafumane izakhono nokuqhelana nemeko zemisebenzi. Siayzingca ngokuba sinabanye abanemfundo enomsila esibancedisayo abangamashumi amathathu.

Zonke ezi zinto zenze ukuba kubenemiphumela emihle eyenza ukuba sifumane ukunakekeklwa yimibutho nezakhiwo ezinophuculo lwezakhono. Noxa kunjalo sifumana siphucwe oomanejala abanezakhona ngamanye amaziko.

Siyakuqhubeleka sisenza umsebenzi oncomekayo ngokuqeqesha nokuphuhlisa izakhono kumakhansela nakwikomiti zewadi. Sibelel bucala imali ezizigidi ezibini namakhulu asixhenxe amawaka ( R2 700 000. 00)

Somlomo obekekileyo

**3. Uphuhliso loqoqosho lwasekuhlaleni**

UMasipala wenza isicwangcwiso sokuphuhlisa ingingqi yethu ngokuphuhlisa uqoqosho. Siyakwenza oku ngokuphucula ulimo, amahlathi, ukhenketho, namashsishini amncinane**.**

Uphuhliso lwedolophu zethu zombini luyaphucuka ngaphandle kombindi wedolophu. Lonto yenza ukuba kutshintshe ubuso bedolophu zethu kamsinya. Siyazingca ngesakhiwo sodederhu lwevenkile eLusikisiki naseFlagstaff.

Sizimisele ukwakha udederhu lwevenkile kumhlaba ongaseKhepehe ERF 260 apha kuSeptember 2016

Kufuneka sigruzule amasoloty kwimithethwana yorulumente wocalucalulo ezibambezele uluphuculwa kuka ERF 260.

Kunyakamali 2016/17 uMasipala uzakuqinisekisa ukuhlonitshwa komthethwana wkulawulwa nokusetyenziswa komhlaba (SPLUMA) ngokusebenzisana neenkosi.

**BAHLALI ABABEKEKILEYO**

**EZOLIMO NAMAHLATHI**

Siyazingca ngoveliso lokutya oluthe lwaqaliswa eLambasi kwaWadi 23 nakwiiWadi ezilishumi elinanye (11). Le nto ibonisa ngokwenene ukuba ulimo lungundoqo kwizicwangciso zethu. Olu limo lwenzeka eLambasi, lwenziwa lisebe lezoPhuhliso lwamaPhandle, uPhuculo noHlenga-hlengiso lwezemiHlaba. Kulinywa umbona, imbotyi, kuhlaziwe iidiphu kunye neenkampu

zokondla imfuyo (Feedlots). Kukho utyalo lwamahlathi kwiiwadi ezintathu – uWadi 12, 16 no18 kwaye abantu bakhona bazimisele.

Siqale inkqubo yokugcina amahlathi endalo, le nkqubo iphehlelelwe nguMphathiswa wezoLimo, amaHlathi nezokuLoba kwindawo yaseMkhambathi kwaWadi 25

**ULWAKHIWO LOMGAQO UN2**

Okokoko kuthe kwakho isibhengezo solwakhiwo lomgaqo UN2 ngobekekileyo uMongameli welizwe, sithe sakhweba bonke abathathi nxaxheba abafanele ukuxhamla njengoosomashishini abakhasayo. Sifuna ukuqinisekisa ukuba bathatha inxaxheba kwaye bayaxhamla ngokukuko kuphuhliso loqoqosho lwelizwe lethu. Siza kuthethisana neshishini lezemiqaqo USANRAL ukuze sifikelele kwizigqibo ezithe ngqo ezizodalula ukuba amashishini akhasayo azoxhamla kanjani na. Konke esivumelana ngako kufuneka kuqulathwe kumqulu ozakuthi usayinwe ngumasipala, SANRAL nooSomashishini. Le nto yakwenza kungabikho sikhalo koosomashishini kwaye izokwehlisa uxinzelelo koomasipala bethu abangakwaziyo ukunikeza imisebenzi kuwo wonke la mashishini. Sizakuyenza yonke le nto ngokubambisana bonuKumkani baMaMpondo.

Ukwakhiwa kwebhulorho luzoba kwisihlandlo sokuqala kwaye kuzoqaliswa phambi kokuba unyaka ka2016 uphele.

**UPHUHLISO LWECHWEBA**

UMasipala weIngquza Hill wathi wachongwa ngamasebe karhulumente amathathu, iSebe lezokusiNgqongileyo, eloPhuhliso lwemiSebenzi yoLuntu kunye nelezoLimo, amaHlathi nezokuLoba. Le yinxalenye yesicwangciso sikarhulumente sokuvuselela amachweba ake akho kudala kolu nxweme lwethu. Eli chweba luqhakamshelwano nokuvuselela konxweme lwasePort St Johns oluyinxalenye loqoqosho lwaselwandle nakuko konke okufumaneka elwandle.

**UBUDLELWANE NEDYUNIVESITHI YASETSHWANE**

UMasipala waseNgquza Hill usayine isivumelwano neDyunivesithoi yobuChwepheshe yaseTshwane. Kulindeleke ukuba esi sivumelwano sincedise ekuphuhlisweni kwezakhono.

Isivumelwano sele sigqityiwe kwaye sizoqinisekisa ukuba abahlali, iinkokheli nabasebenzi bakaMasipala bafumana uqeqesho nezakhono kwezo ndawo kukho izidingo zazo.

Kunyaka-mali ka 2016/17 sizokwenza ezi projekthi zophuhliso-qoqosho lwasekuhlaleni ekuzezi:

- Uphuhliso lwezakhono lwamashishini akhasayo
- Iintlanganiso zamashishini akhasayo
- Ukuncediuswa kweeprojekthi ezingamashumi amathathu ananye ngembewu, amantshontsho, ukudla kwamantshontsho kunye nezichumiso mhlaba.
- Ubiyo lwamasimi
- Ukuxhasa ulimo lombona kunye nemijelo yokunkcenkceshela
- Ukuncedisa ekwakhiweni lodederhu lweevenkile eFlagstaff kumhlaba onguErf 260
- Ukuphuhliswa kwenkcubeko, ukwenzela kuphuhle ezoqoqosho
- Ukuncedisana namasebe akhankanywe ngasentla ekuvuselelweni kwechweba lasePort Grosvenor kwaWadi 23
- Uphuhliso loqoqosho lwaselwandle oluxhumene nophuhliso lonxweme
- Inkxaso ethe tye yamashishini akhasayo kulwakhiwo lwendlela yonxweme kaN2.

**4.UKUKHULA KWEZEMALI NOKUNONOPHELWA**

Somlomo obekekileyo, Siyazi sonke ukuba uMasipala wethu ngomnye woomasipala abancinane abasezilalini, abangenanto ingenisa imali. Uphila ngokukhongozwa kwingxowa karhulumente omkhulu welizwe. UMasipala wethu ufanele ukuba uqokelela irhafu kubahlali, kumashishini kunye nakurhulumente (Property Rates) kunye nemali efunyanwa ngokucholwa kwenkunkuma. UMasipala akanalayisenisi yokuthengisa umbane.

Nangona kukho le miceli mngeni ibalwe ngasentla apha, uMasipala ukwazile ukuzisa iinkonzo kubahlali. Le nto yenzeke ngokubopha ibhanti singadyakazi kwaye sincame singayi nkomfa ekungeke kubetheke uMasipala xa kungayiwanga nezinye iinkcitho esingeke sibulale umasipala xa singayenzanga.

Siye saqinisekisa ukuba sicwangcisa izinto zethu kakuhle kwaye siphephe ukwenza izinto ezingekho kwizicwangciso okanye zingaphandle kwamagunya nemisebenzi kaMasipala.

UMasipala ukwazile ukubhatala abaniki zinkonzo kuye zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu. UMasipala unerejista okanye incwadi ethembakeleyo apho kunhalwa yonke into exabisekileyo enobomi obungaphaya konyaka. UMasipala ukwazile ukuqokelela imali ngokulandela umgaqo wokuqokelela imali etyalwayo ngabantu.

UMasipala usoloko eqinisekisa ukuba upasisa uhlahlo-lwabiwo mali olusekezelwe kwimali ekuqinisekiweyo ukuba izoba khona nokuba izoba ncinane kangakanani na.

Le nto imncedisile uMasipala ekuqnisekiseni ukuba zonke iiprojekthi ezicwangcisiweyo ziyenzeka ngokomqulu wezicwangciso weeprojekthi zonyaka (SDBIP)

UMasipala uphinde waqinisekisa ukuba ukhupha iingxelo ekungathenjelwa kuzo zenyanga, kota, kunye nonyaka. Le nto yenza ukuba uMasipala athi gqolo efumana iincwadi zomphicothi zincwadi ezingenatanasi iminyaka emine ilandelelana. Ukuqwela sifumene ingxlelo yoMphicothi-zincwadi engenachaphaza kunyaka mali ka2014/15 (Clean Audit)

Siyadomboza kooSomashishini, amaSebe kaRhulumente kunye nabaHlali ukuba mabahlawulele iinkonzo kunye nerhafu ukuze sikwazi ukuqhubeka nokuzisa iinkonzo. Singazisa iinkonzo ezininzi ukuba kungahlawulwa ngexesha.

Komasipala abangamashumi amane nesihlanu (45) uMasipala waseIngquza Hill ube ngomnye woomasipala abahlanu kuphela abafumene iingxelo ezingenachaphaza kuMphicothi-zincwadi, kwaye ufunyenwe engenachaphaza iminyaka emithathu ilandelelana kwindlela anika ngazo iziniki maxabiso.

Somlomo obekekileyo, siza kuqhubeka nalo msebenzi umhle kangaka ukuzama ukugcina ingxelo ezingenachaphaza nangona sinengxaki yokuthathwa kwamagosa aphezulu esiya kumadlelo aluhlaza. Siza kuqinisekisa ukuba uhlahlo-lwabiwo lwenziwa ngokulandlela indlela entsha ebizwa ngoMSCOA.

Somlomo obekekileyo

**5.Ulawulo oluthe tye nothatho nxaxheba lwabhlali**

Kulawulo oluthe tye nethatho nxaxheba yabahlali siyazingca ngegxathu esilithathileyo ngokuqinisekisa ukuba asilandeli mithetho nje koko sivelisa iincwadi ezilandelekayo ezithe ngqo ezifana nomqulu wesicwangciso esidibeneyo, uhlahlo-biwo mali kunye nesicwangciso seeprojekthi ezizokwenziwa ngonyaka (SDBIP) ezithe zapasiswa libhunga likaMasipala.

UMasipala wethu usoloko efumana epase kakhulu kuvavanyo ukuba isicwangciso esidibenyo sinayo yonke na into ebifanele siyiqyulathe. Olu vavanyo lwenziwa minyaka le liSebe lePhondo leCoGTA. Sifumene iingxelo ezifanayo kwiminyaka emibini edlulileyo kunye nalo siwiqhubayo.

Somlomo obekekileyo, sinebhongo kwaye sineqhayiya ngokuthi ibhunga kunye nekomiti zalo ziwenza kakuhle umsebenzi wazo wokujonga ukuba izinto zihamba kakuhle na kwaye zihlala ngexesha elithe lapasiswa liBhunga.

Sikwazile ukuqinisekisa ukuba iikomoti zeeWadi ziyahlala inyanga nenyanga kwaye nengxelo ziyazizisa kwi-Ofisi kaSomlomo. Siphinda siqinisekise ukuba uCeba weWadi uyayisa ingxelo ebuncinaneni Kanye ngekota.

Ezi ntlanganiso zooCeba beeWadi zincediswa naziintlanganiso elithi iBhunga ligqibe ukuba maliye ebantwini Kanye ngekota. Ezi ntlanganiso zezeSigqeba seBhunga (EXCO Outreach), ukusiwa kweBhunga ebantwini kunye nokusiwa kwesicwangciso esidibeneyo esisahlongozwa (Draft IDP) kunye nohlahlo-lwabiwo mali.

Ezi zinto zibonisa mhlophe ukuba akukho mntu apha eINgquza Hill ongathi ooCeba okanye iBhunga aliyi ebantwini.

**UNXIBELELWANO, UKUTHENGISA UMASIPALA GABALALA**

Somlomo obekekileyo, uMasipala uphicotha iindlela zokusabalalisa iliso loqhakamshelwano ukuthengisa uMasipala wethu simbe emajukujukwini.

Siyabulela ubudlelwane esinabo namaziko eendaba asekuhlaleni nomsebenzi abawenzayo wokuthengisa uMasipala wethu bambeke kakuhle kubahlali baseNgquza nangaphaya kwemida.

Sisabalalisa inkqubo kaRhulumente kaZwelonke ebizwa ngokuba “Masibuyele Kwiziseko”(Back to Basics). Le nkqubo kaRhulumente siyisabalalisa ngokuba sise ooCeba beeWadi kwisikhululo Inkonjane ukuze bathethe nabantu bewadi.

Masitsho Somlomo obekekileyo ukuba abahlali bayithakazelela kakhulu le nkqubo.

Sizophinda siye kwisikhululo iAlfred Nzo esingazange sisidanise kwizinto zonke esiye sisenze nabo ukuqinisekisa unxibelelwano nabahlali.

Sothulela umnqwazi kwaye sibulela Umhlobo Wenene othe gqolo ekhankanya iNgquza Hill kwiBreakfast Show yabo eyondlayo.

Simana sidibana namaziko eendaba, amaphepha nezikhululo zoonomathotholo esele zikhankanyile ukusabalisa into eyenziwa nguMasipala. Siyabulela kula maziko.

**ULUTSHA**

Somlomo obekekileyo, sakhe amabhunga olutsha nezemidlalo apho ulutsha luzoba namaqonga okuxoxa izinto ezinomdla kubo. Ulutsha luneenkqubo zalo eluthi lwabelane noMasipala.

Sineveki kaMeya apho siphuhlisa ulutsha kwezemidlalo, kushishino kunye nokubonisa ulutsha olusezikolweni, izakhino abangazilandela bakuphumelela iMatric (Career Exhibition)

Sincedisane neembaleki ukuqinisekisa ukuba bathatha inxaxheba kukhuphiswano lukazwelonke olufana neOceans Marathon. Sixhase iteam zebhola ekhatywayo ezidlala kwiiLigi eziphezulu ezifana noVodacom. Siyazixhasa nezo eziye zidlale kwimincintisano yokudlulela kumabakala aphezulu (Play offs).

Siphinde sancedisana nabantwana abazimpula kalujaca ngeuniform nangezinto zokudlala kubantwana beePre-schools.

Siphakamise umgangatho wamathala encwadi zethu ngokuba siqinisekise iinkonzo zabantu abangaboniyo.

Somlomo obekekileyo, sithatha nxaxheba kwiphulo elincedisana nolwaluko olululo apho abantwana sifuna baye bephila babuye bephila. Sisebenzisana neeNkosi zezwe lakowethu kwaye siyavuya ukwazisa ukuba kwisuthu elidlulileyo khange kubekho mntwana waseIngquza oswelekileyo. Sithi ukusweleka komntwana nokuba mnye kufana nokusweleka kwabantwana abaninzi.

**Unxulumelwano norhulumento**

Eli liqonga lokuthethisana nokuwazisana amaphulo nezicwangcwiso zokuphuhlisa abantu nokwazisa abantu ngenkqubo zonke zophuhliso.

Siyafuna ukuncoma amasebe athe aphucuka ekuhambeni iintlanganiso zamasebe nokuzisa iingxelo zenkqubo zokuphucula abantu bakuthi.

Eli qonga lenzelwe ukuba kuncediswe amasebe anengxaki kwinkalo ngenkalo ukuze azise intlalo engcono. Oku kwenze impilo engcono kubantu bakuthi.

Nangona kunjalo, kusenemiceli mingeni apho amasebe karulumente angayiyo kwintlanganiso yaye angzizi nengxelo kodwa ke siyathethisana nawo. Amanye amasebe acinga ukuba singuMasipala sifuna ukulawula amasebe abo yilonto babona ukuba bangafuni kuza kwezintlanganiso zamasebe.

Sifuna ukuqinisekisa ukuba abantu batshintsha ukucinga nokuba baqonde ukuba urhulumente wasemakhaya ngoyena ukufutshane nabantu yaye unenxanxheba yokuzisa iinkonzo nolwazi ebantwini

Ngonyakamali ka 2016/17 uMasipala wethu uzakwenza amaphulo okuthethisana nokunxibelelana ezibizwa masiphathisane. Sakuqinisekisa ukuba zonke iwadi ziqinisekisa ukuba bonke abantu bathatha ninxaxheba kurhulumento.

Lamaphulo enzelwa ukuphucula unxibelelwano kubahlali, nokuqinisekisa ukuba abahlali bayawazi amaphulo karhulumente kwanokutyala uxanduva nembeko kwizakhiwo zikarhulumente. Sikwakhuthaza ukuthethisana norhulumente ngaphandle kokutshabalalisa izakhiwo esele zikhona nobundlobongela.

**6. Inkonzo zoluntu**

**Makhansela sicela ukunikhumbuza ngemigomo ephambili**

**Ezemfundo**

Ngokwemigaqo yonyulo yalorulumente uphetheyo imfundo ingundoqo yaye kufuneka sense inzame ukuyiphucula.

Urhulumente wakhe izikolo ezilishumi kulendawo yethu ngokusebenzisa inkampani yolwakhiwo lwezikolo I ASIDI.

Umnyinge wemashumi asibhozo ekhulwini lwezikolo zifakelwe umbane ukuzama ukuphucula imeko yezemfundo yaye kufakelwe nemali zenkonzo zoMasipala.

Siyaphawula ngendlela ebuhlungu ngemeko yokwehla kweziphumo kwisebe lethu kwiphondo nalapha kulendawo yethu kungoko sibona ukuba kukhona ekufuneka kwenziwe ngesaqhuphe ukutshintsha isimo.

Sifuna ukuqinisekisa nokukhumbuza zonke izakhiwo zorhulumento kwisebe lezemfundo ezifana neSGB's, DEF, imibutho yabafundi nenkokheli zabasebenzi ukuba zinikezele amandla nazo zonke izinto abanzazo ekuncediseni ukufunda nokufundisa.

Kunyakamali ka 2016/17 sizakuqinieskisa ukuphucula izakhono zobunkokheli kubaphathi bezikolo ingakumbi kumaziko apkakamileyo eMatriki ngokusebenzisa iqonga lamasebe karhulumente.

**Ezokhuseleko**

ngentsebenziswano yethu namapolisa sikwazile ukwenza maphulo okufundisa abantu ngendlela zokunqanda ulwaphulo mthetho Kwilali zethu. Sifuna ukucenga abantu bakuthi ukwakha izakhiwo zokuqubisana nolwaphulo mthetho (CPF ne CSF) ukwenzela ukunqanda nokuxela ulwaphulo mthetho.

Amagosa okhuselo ayaqhubeleka nokuhamba hamba ehlola iidolophu zethu ukuqubisana nobundlobongela nolkwaphulomthetho nokhuselekolwabntu. Kunyaka mali 2016/17

sizakuqinisa ukuhlonitshwa kwemithethwana kaMasipala ephunyeziweyo kwigazethi. Sinamagosa aqeqeshiweyo ekuqiniseniseni ukuhlonitshwa kwalemithethwana yaye siyathemba azakwenza oko.

**Uqokolelo lwenkunkuma nogutyulo**

Sikwazile ukuvala amaziko okulahla inkuknkuma ebesenza ingxaki kwezempilo nakwezolondolozo lwendalo. Sithethisana nenkosi yakuHombe ukuzama ukufumana umhlaba wokwenza indawo yokulahla inkunkuma nokungcola. Ezingxoxo sele zisecicini lokuququnjelwa yaye sele kuzokwenziwa isivumelwano.

SinguMasipala sithenge izixhobo zokuqoqosha inkunkuma , ugandanganda enezixhobo zokuthutha inkunkuma neyokuthwala ezinye zezixhobo zoqoqosho nkuknuma. Sele sifumene indawo zokubeka ezi zixhobo yaye siyacela ukuba uluntu lungalahli phantsi izinto ezimdaka.

**Imiceli mngeni kuMasipala wethu**

**Amanzi nogutyulo lindle**

Siqubisene nomcelimngeni wokunqaba kwamanzi nengxaki yokuziswa kwenkonzo zogutyulo lindle kodwa ubunkokheli bukamasipala wengingqi benza njalo ukusinceda nanjengokuba ngoku ikhontilakhi zikwindawo zophuhliso ukuzama ukuba ngenyanga ka Juni ukuya ku Agasti 2016 zibe zigqibile.

Siyavuya ngenxa yobunkokheli bukaMasipala wengingqi ngenxa yenxaso yabo, nokusabela msinya kwingxaki zoqhanqalazo ebezike zasigubungela kuloMasipala. Banesicwangcwiso esicacileyo sokuba kufuneka kwenzeke ntoni ukuqubisana nalemiceli mngeni sinayo.

Inkqubo ethe gca izodandalaziswa ngusodolophu obekekileyo womaspala wengingqi I OR Tambo. Siyacela sibongoza abantu bakuthi ukuba banyamezele ngoba ngomso obu bunzima buzakuba yincindi yobusi

**isigqibelo**

Sivala ngelithi uMaspala wethu utshintshile ngoba awaziwa ngezinto ezimbi koko waziwa ngenkubela, uphuhliso, impumelelo namabali empumelelo enza ukuba indawo yethu ibe yindawo enomtsalane kwilizwe lonke.

Sehla ke kweliqonga ngokucela nokubongoza uluntu ukuba luxhase zonke iinzame namaphulo azama ukuphucula iimpilo zabantu bakuthi

Somlomo obekekileyo, siyabulela kuwe namakhansela wonke omasipala wethu ngokuzinikezela nangomsebenzi omhle omkhulu eniwenzileyo ukuphucula umasipala wethu.

Umbulelo ongazenzisiyo kubo bomke abantu balomaspala abasoloko bethe gqolo ukusixhasa ngandlela zonke, nokwenza ugxeko ncomo kuzo zonke imizi nezakhiwo zonxibelelwano ezifana nobuso bencwadi nezinye.

Sibulela kubasebenzi bakaMasipala wethu ngokuzinikezela ukuphucula nokukhulisa uMasipala wethu ngazo zonke iindlela.

Okokugqibela sehlisa ibhanile ukubonakalisa imbeko yethu yokugqibela kwiqhawe nethandazwe utata uMkentu Ninus Mtsotso owenza kwabalula ukuba sibe siyazingca ngokubanorhulumente wentando yabantu.

Siyamazi yaye simkhumbula ngezimvo zakhe ezathi zamenza wangcikiva ngumbuso wengcinezelo ka Matanzima kunye nogxa bakhe otata uDouglas Mahlamvu, uqabane uNogcantsi nabanye. Wayeke wangushlalo wesebe elikhulu le ANC iLusikisiki ngeminyaka ye 90’s. Sinikezela lentetho yobume bukaMasipala nanjengoko ezakube ebekwa kwikhaya lakhe lokugqibela eLutshaya ngomso.

*Siyabonga, siyabulela*